

LEVEL 2

Consolidation Conversation:

Well done for making it to the 8th week!

It's been a wonderful journey and we hope you have enjoyed it tremendously.

In week 8 you will be doing your Level 2 conversation consolidation.

Process:

- **STEP 1:** Start by translating the sample conversation below into English
- The English will be released in days to come, with audio
- **STEP 2:** Treating this conversation as a template, adapt this to match your life details, and feel free to add and change whatever you need, but sticking within the grammar of this course
- (no asking Xhosa people for help)!! 😊
- But do change what the Xhosa person says too
- Your conversation only need be 30 lines total

SAMPLE CONVERSATION:

1. B: Molo, sisi. Unjani?
2. **S: Ndiyaphila, akhonto. Unjani wena?**
3. B: Ndiyaphila nam akho niks.
4. **S: Ungubani igama lakho?**

5. B: NdinguMakhosi. Wena ungubani?

6. S: NdinguZanele. Mini yamagugu emnandi bhuti.

7. B: Uxolo, sis, ndisafunda isiXhosa yabo? Ndithetha kancinci nje. Uthini ke ngesiNgesi?

8. S: Ok ke, ndiyabona bhuti. Uyazama! Ndithi: "Happy Heritage Day!"

9. B: Ahhh enkosi. Nakuwe! Ndicela uphinde ngesiXhosa.

10. S: *Mini yamagugu emnandi.*

11. B: *Enkosi kakhulu. Ibinjani imini yakho?*

12. S: Ibimnandi. Usifundela phi isiXhosa kaloku?

13.B: Ndifunda encwadini yesiXhosa. Ndithetha nabahlobo besiXhosa kwaye ndifunda online.

14.S: Yho uyathetha wena! Usuka phi?

15.B: *Mna, ndisuka eKapa. Wena?*

16. S: Mna, ndisuka eJozi.

17. B: *Ndawoni?*

18. S: eSoweto ngaseWhite City Jabavu

19. B: *Oh, ungumZulu na?*

20. S: Utata ungumZulu, umama wam ungumXhosa.

21.B: *Ok, kodwa uhlala phi ngoku?*

22.S: Ndihlala apha eKapa.

23.B: *Phi?*

24.S: eMowbray. Wena?

25. B: *NdiseMuizenberg. Uhlala nabani?*

26. S: Ndihlala nabahlobo bam bayi3. Bangabafundi nabo. Wena?

27. B: *Ndihlala neGirlfriend yam nejana yethu. Uyaphangela na, sisi?*

28. S: Hayi, andisebenzi. Ndisafunda eUCT.

29. B: *Ufundela ntoni?*

30. S: Ndifundela ubugqirha. Wena wenzani emsebenzini? Usafunda?

31. B: *Hayi andisafundi. Ndiyititshala kodwa ndiyazisebenzela.*

32. S: Ufundisa ntoni?

33. B: *Ndifundisa iYoga. Yazi thina belugu sithanda ukwenza iYoga!*

34. S: Hehe, nyani, kodwa kutheni?

35. B: Iphilisa umzimba nengqondo kakhulu.

36. S: Kuhle ke. Nam ndifuna ukuyenza ngoku.

37. B: Ewe kumnandi! ikhona iklasi iqala msinyane. Ndiya khona!

38. S: Nyani? Iphi iklasi?

39. B: IseClaremont. Kufutshane kodwa kufuneka ndihambe kwangoku.

40. S: Uhamba ngantoni?

41. B: Ndihamba ngeenyawo.

42. S: Hayi, ndihamba ngemoto. Ungahamba nam.

43. B: Ndiyabulela. Masihambe ke!

VOCAB:

(a)belungu - whities

ingqondo - the mind

iinyawo - feet

ke - then

khona - there / present

kwangoku - immediately

kwaye - and also

msinyane - soon

nabo - and them

nakuwe - and with you

phila - being alive

philisa - cause health/make healthy

umzimba - the body

yethu - our

English / ngesiNgesi:

First try your self! >>>

1. B: Molo, sisi. Unjani?

Hello sister, how are you?

2. S: Ndiyaphila, akhonto. Unjani wena?

I am fine no complaints. How are you?

3. B: Ndiyaphila nam akho niks.

I am fine too, no complaints.

4. S: Ungubani igama lakho?

What is your name?

5. B: NdinguMakhosi. Wena ungubani?

I am Makhosi. Who are you?

6. S: NdinguZanele. Mini yamagugu emnandi bhuti.

I am Zanele. "Mini yamagugu emnandi", brother

7. B: Uxolo, sis, ndisafunda isiXhosa yabo? Ndithetha kancinci nje. Uthini ke ngesiNgesi?

Sorry sister, I am still learning Xhosa. I speak only a little. What are you saying then in English? (ke - then)

8. S: Ok ke, ndiyabona bhuti. Uyazama! Ndithi: "Happy Heritage Day!"

Okay, I see brother. You are trying! I'm saying: "Happy Heritage Day"

9. B: Ahhh enkosi. Nakuwe! Ndicela uphinde ngesiXhosa.

Aah, thank you. And to/with you. Please repeat in Xhosa.

(nakuwe - and with you)

10. S: Mini yamagugu emnandi.

Mini yamagugu emnandi

11. B: Enkosi kakhulu. Ibinjani imini yakho?

Thanks so much! How was your day?

12. S: Ibimnandi. Usifundela phi isiXhosa kaloku?

It was nice! Where do you learn Xhosa?

13.B: Ndifunda encwadini yesiXhosa. Ndithetha nabahlobo besiXhosa kwaye ndifunda online.

I learn with a Xhosa book. I speak with Xhosa friends, and also I learn Xhosa online.

14.S: Yho uyathetha wena! Usuka phi?

Wow, you are speaking! Where do you come from?

15.B: Mna, ndisuka eKapa. Wena?

Me, I come from Cape Town, and you?

16. S: Mna, ndisuka eJozi.

Me, I come from JHB.

17. B: Ndawoni?

Whereabouts?

18. S: eSoweto ngaseWhite City Jabavu

Soweto, nearby White City Jabavu

19. B: Oh, ungumZulu na?

Oh, are you Zulu?

20. S: Utata ungumZulu, umama wam ungumXhosa.

My father is Zulu and my mother is Xhosa

21.B: Ok, kodwa uhlala phi ngoku?

Ok, but where do you live now?

22.S: Ndihlala apha eKapa.

I live here in Cape Town

23.B: Phi?

Where?

24.S: eMowbray. Wena?

Mowbray and you?

25. B: NdiseMuizenberg. Uhlala nabani?

Nearby Muizenberg. Who do you live with?

26. S: Ndihlala nabahlobo bam bayi3. Bangabafundi nabo. Wena?

I live with my 3 friends. They are also students! You?

(nabo - and them)

27. B: Ndihlala neGirlfriend yam nejana yethu. Uyaphangela na, sisi?

I live with my girlfriend and our puppy. Do you have a job sister?

(yethu - our)

28. S: Hayi, andisebenzi. Ndisafunda eUCT.

No, I don't work. I still study at UCT.

29. B: Ufundela ntoni?

What do you study?

30. S: Ndifundela ubugqirha. Wena wenzani emsebenzini? Usafunda?

I study to be a doctor. And you, what work do you do?

Are you still studying?

31. B: Hayi andisafundi. Ndiyititshala kodwa ndiyazisebenzela.

No, I no longer study. I am a teacher but I work for myself.

(sa - still, but in negative means - no longer)

32. S: Ufundisa ntoni?

What do you teach?

33. B: Ndifundisa iYoga. Yazi thina belugu sithanda ukwenza iYoga!

I teach Yoga. You know us whites love to do Yoga. (abelungu - whites)

34. S: Hehe, nyani, kodwa kutheni?

Haha for real, but why?

35. B: Iphilisa umzimba nengqondo kakhulu.

It makes healthy the body and mind. (philisa - cause health/being alive - phila) (umzimba - the body) (ingqondo - the mind)

36. S: Kuhle ke. Nam ndifuna ukuyenza ngoku.

That's great! I want to do it now too.

37. B: Ewe kumnandi! ikhona iklasi iqala msinyane. Ndiya khona!

Yes, nice. There is a class that starts soon. Im going there.

38. S: Nyani? Iphi iklasi?

Really, where is the class?

39. B: IseClaremont. Kufutshane kodwa kufuneka ndihambe kwangoku.

In Claremont. It's close but i must leave immediately.
(kwangoku - immediately)

40. S: Uhamba ngantoni?

How are you going to get there?

41. B: Ndihamba ngeenyawo.

I am going by feet (walking). (iinyawo - feet)

42. S: Hayi, ndihamba ngemoto. Ungahamba nam.

No, I'm going by car. You can go with me.

43. B: Ndiyabulela. Masihambe ke!

I am grateful. Let's go then! (ke - then)